




Ikomiti Yovavanyo Lwempilo Yabantu eZimbabwe (ZimLAC) Uvavanyo luka 2025 Lwempilo Yabantu Emaphandleni *Uxwebhu Lokufumanekileyo*

Ikomiti Yovavanyo Lwempilo yabantu eZimbabwe (ZimLAC) iqhubeka ihlola indlela yokuphila unyaka ngonyaka ukuzalisekisa Isibophelelo sesi 6 soMgaqo-nkqubo Wokufumaneka Kokutya Okwaneleyo Nesondlo Esaneleyo (Food and Nutrition Security Policy). Injongo eyiyona ibalulekileyo yoVavanyo lweMpilo yasemaphandleni luka-2025 yayikukubonelela ngohlaziyo lonyaka malunga neendlela zokuphila kwiindawo zasemaphandleni zaseZimbabwe ukuze kuqinisekise ukwenziwa kwemigaqo-nkqubo kunye neenkqubo zokungenelela ezifanelekileyo. Olu vavanyo lukwakhokelwa yimfuneko yokubonisa impembelelo yeSicwangciso soPhuhliso lweSizwe 1 (NDS1) kunye nokubonelela ngesiseko se-NDS2.

1. Ukuswelakala Kwezilimo


Ukuxhaphaka kokuswelakala kwezilimo kuqikelelwa kube ibe yi 15% ngexesha indlala ikwincopho yayo (EyoMqungu kusiya kweyoKwindla 2026).



Ukuswelakala Kwezilimo: 2020 – 2025

Kwabakho ukwehla kwamanqanaba okuswelaka kwezilimo ayi 73.2% esuka ku 56% ngonyaka ka 2020 esiya ku 15% ngo 2025. Urhulumente uyanconywa ngokuphumeza amanyathelo okulungisa iingxaki ezibangelwe kukunqongophala kokutya, oko kukhokelele ukufumaneka kokutya okwaneleyo

Ngexesha lendlala enkulu (ngoJanuwari ukuya kuMatshi 2026), iMatabeleland North (20%) kunye neMidlands (19%) kuqikelelwa ukuba zinenani eliphezulu leentsapho ezijongene nemingeni yokufikelela kwiinkozo.





Ukuswelakala Kwezilimo

Inani Labemi Elingenazo izilimo Kwiinyanga Ezithile Zonyaka

Iphondo	EyeKhala – EyoMsintsi 2025	EyeDwarha – EtiMnga 2025	EyoMqungu – EyoKwindla 2026
Manicaland	66,628	137,074	223,213
Mashonaland Central	48,383	83,432	135,084
Mashonaland East	47,902	108,225	184,853
Mashonaland West	67,578	114,410	180,152
Matabeleland North	62,460	90,493	126,475
Matabeleland South	77,013	100,361	120,514
Midlands	93,278	176,157	264,725
Masvingo	105,017	186,654	272,154
IzweLonke	609,087	1,046,895	1,548,432


IMasvingo (272,154) kunye neMidlands (264,725) kuqikelelwa ukuba ziza kuba nabemi abaninzi abangenako ukutya okwaneleyo okuziinkozo ngexesha lendlala enkulu.

2. Ukugcinwa Kwemfuyo



3. Imveliso Yezityalo

Inani lemilinganiselo yemizi elime imbotyi, amazimba kunye nenyawuthi likhwelile.



Imizi Elime Izilimo

Isivuno


Iphondo	Umbona (iikg)		Amazimba (iikg)		Inyawuthi (iikg)		Uphoko (iikg)		Wonke (iikg)	
	2024	2025	2024	2025	2024	2025	2024	2025	2024	2025
Manicaland	105	316.7	6	37.5	3	6.6	1	18.7	115	379.4
Mash Central	107	326.8	10	128.1	0	0.3	0	9	117	464.2
Mash East	88	436.2	2	21.7	0	5.8	1	6.5	91	470.2
Mash West	50	389	4	57.6	0	0.4	0	0.6	54	447.6
Mat North	30	168.7	39	152	30	0.6	0	135.9	99	457.2
Mat South	26	118.6	19	29.3	8	0.9	0	17.8	53	166.7
Midlands	136	360.9	9	40.8	0	3.4	0	3.6	145	408.7
Masvingo	61	229.1	28	71.5	16	11.3	2	56.6	108	368.4
IzweLonke	77	299.9	14	66.4	7	3.7	1	29.5	99	399.4

Ngokomyinge imizi ivune i-299.9 kg yombona kunye ne 66.4kg yamazimba.

4. Inzuzo Yemali Yomzi


Iindlela zokufumaneka Kwenzuzo Yemali

Xa kuthelekiswa nonyaka osisiseko ka-2020, kubekho impembelelo entle kuqoqosho njengoko kungqinwa yingeniso yekhaya enyuke ukusuka kwi-USD 33 ngo-2020 ukuya kwi-USD 136 ngo-2025.



Iindlela zokufumaneka Kwenzuzo Yemali: 2020-2025

Umlinganiselo wenzuzo yemali (USD) yenyanga yomzi ngamnye KuTshazimpuzi 2025




Umlinganiselo Wenzuzo Yemali Yomzi

IMashonaland West yayinengeniso ephozulu yenyanga yekhaya (i-USD 203) ngo-Epreli 2025 ngelixa iMatabeleland South (i-USD 98) yayinengeniso ephantsi.

Imithombo Yenzuzo Yemali

Uninzi lwemizi lwafumana inzuzo yemali ngokusebenza okwethutyana (45%), ukuvelisa ukutya (21%) kunye nemali ethunyelwa ngaphakathi eZimbabwe (19%) ngonyaka ka 2025.



Imithombo Yemali Ebalulekileyo Yemizi

5. Ukuncedwa koLuntu


Iphondo	Inkxaso kaRhulumente (%)		Inkxaso yeUN/NGO (%)		Inkxaso yeCawe (%)		Izihlobo zasedolophini (%)		Izihlobo zaseMaphandleni (%)		Izihlobo ezikwamanye amazwe (%)		Inkxaso yamaqela Esisa (%)	
	2024	2025	2024	2025	2024	2025	2024	2025	2024	2025	2024	2025	2024	2025
Manicaland	41	70	7	14	1	2	5	18	5	23	5	23	2	4
Mash Central	56	72	4	19	1	3	3	11	5	22	5	22	1	2
Mash East	51	61	4	12	1	2	6	13	5	18	5	18	1	3
Mash West	42	73	1	6	1	3	2	10	1	23	1	23	1	4
Mat North	35	64	9	18	1	3	6	16	6	23	6	23	6	13
Mat South	31	48	11	16	1	2	6	11	5	20	5	20	5	16
Midlands	43	64	3	17	1	2	4	16	1	22	1	22	2	9
Masvingo	35	65	11	27	0	6	8	27	6	35	6	35	5	13
IzweLonke	43	65	8	16	1	3	5	15	4	23	4	23	3	8

Imithombo yeNkxaso

Imizi emininzi (65%), ixhaswa nguRhulumente, kulandela inkxaso eyezihlobo zasemaphandleni (23%), inkxaso ye-UN/NGO (16%) kunye neyezihlobo zasezidolophini (15%). Inkxaso efunyenwe kwizihlobo (ezasemaphandleni nezasezidolophini) ibonisa imeko-bume yezoqoqosho evumelayo kunye nobungqina benkxaso-mali esuka kuluntu.

6. Amanzi, Ukuphathwa Kwelindle Nococeko (WASH)


Malunga ne-90% yemizi afumana amanzi kwisithuba sekhilomitha enye.



Umgama Ohanjwayo Ukuya Kumthombo Wamanzi

7. Impilo Yabantwana

Ukongezwa kweVithamin A




Ukongeza uVithamin A

Urhulumente uyanconywa ngokufezekisa umnqweno wakhe njengoko kuchaziwe kwi-NDS1 wokufikelela usukelo lwe-90% lokongeza i-vithamin A kubantwana abaneenyanga eziyi-6 kusiya kweziyi 59 ubudala.

8. Iindlela zokunika iintsana Nabantwana Abancinci Ukutya

Umgangatho Wokutya Okunikwa iintsana kunye Nabantwana Abancinci


Inani labantwana abafumana ukutya okungaphantsi kokwamkelekileyo likhwelile ukusuka kwi-2.1% ngo-2020 ukuya kwi-11.9% ngo-2025.



Umgangatho Wokutya Okunikwa Abantwana abaneenyanga ezisusela ku 6 ukuya ku 23

9. Ubume beSondlo Somntwana

Ubume beSondlo sabantwana abaneenyanga ezingu-6 kusiya ku-59



Isimo seSondlo Sabantwana Abaneenyanga ezingu-6 zisiya ku 59

Kuzwelonke, ukuxhaphaka kokuphela umzimba bekuyi-4.3% into eyamkelekileyo kwaye ingaphantsi komda we-WHO oyi 5%. Ukuxhaphaka kokudodobala kusephezulu (23.8%) ngokwehlelo le-World Health Organisation kwaye akufikeleli kumda we NDS1 oyi 17%.

10. Izigqibo kunye neeNgcebiso

Urhulumente kunye Namahlakani oPhuhliso bayacetyiswa ukuba baqhubeke nokuphumeza amanyathelo kunye nobuchule kule mimandla ilandelayo:

- Ukufumaneka Kokutya Okwaneleyo:** Xa sele kufikelele kwinqanaba eliphezulu (ngoJanuwari ukuya kuMatshi 2026), i-15% yeentsapho zasemaphandleni (malunga ne 1,548,432 yabantu) ziya kuba zingenako ukutya okwaneleyo. Iimfuno zeenyanga ezintathu ziya kuba yi-22,536MT kwixesha lika Julayi ukuya kuSeptemba 2025, i-38,735MT kwixesha lika-Okthobha ukuya kuDisemba 2025 kunye ne-57,292MT kwixesha likaJanuwari ukuya kuMatshi 2026. ISebe lezeNtlalontle liyacelwa ukuba liqwalasele iinkqubo ezijongana nokungabikho kokutya okuziinkozo kwizithili ezichaphazelekayo.
- Ingeniso zeKhaya:** Ingeniso yemizi yasemaphandleni iblokhu inyuka ukusukela ngonyaka ka-2020. Urhulumente uyanconywa ngokuphumeza amanyathelo aqinileyo okuzinzisa uqoqosho abe negalelo kolu phuculo. Nangona kunjalo, imithombo yengeniso ephambili (abasebenza okwethutyana (45%) kunye nemveliso yokutya nezityalo (21%) zisengozini yokuphazamiseka ngenxa yemozulu. Ngoko ke, kukho imfuneko yokuphucula iinkqubo zophuhliso lwasemaphandleni ezikhuthaza ukwahlukahlukana kwendlela yokuphila

nokuphucula ukuqina ngokwandisa amacandelo oshishino asekelwe ezikolweni, ezilalini kunye nalawo akhokelwa lulutsha njengeziseko zokukhula koqoqosho lwasekuhlaleni kunye nokuvelisa imisebenzi.

- c) **Ukhuseleko loLuntu:** Inkxaso evela kuRhulumente inyuke ukusuka kwi 43% ngonyaka ka 2024 ukuya kwi-65% ngonyaka ka-2025 ngenxa yesivuno esiphantsi esibangelwe yimbalela ebangelwe yi-El-Nino. ISebe lezeMali liyakhuthazwa ukuba liqhubeke nenkqubo yokukhusela abemi ukuze liqinise iinkqubo zolawulo lweengozi zentlekele kwaye lifumane inkxaso-mali ekhawulezileyo neqikelelweyo ukuqinisekisa ukufumaneka kokutya okwaneleyo nesondlo kunye nendlela yokuphila yabantu abasengozini.



i-FNC ifumaneka eSIRDC: 1574 Alpes Road, Hatcliffe, eHarare

Umnxeba: +263-242-862586/ +263-242-862025. Iwebhusayithi: www.fnc.org.zw. Imeyile: info@fnc.org.zw.

X: @FNC_Zim. Instagram: [fnc_zim](https://www.instagram.com/fnc_zim). Facebook: Food and Nutrition Council Zimbabwe. Youtube: FNC Zimbabwe. Whatsapp: +263 776 990 479